



# Umjikelo wobomi besele



NguEvah Tukisi



Isele lihlala emanzini nasemhlaben. Isele libeka amaqanda kwindawo efihlakeleyo.





Isele libeka amaqanda ngexesha lemvula.  
Liwabeka kwindawo enezityalo namanzi  
angekho nzulu



Isele libeka amaqanda amaninzi ngexesha liwashiye.






Isele libeka amaqanda emanzini  
acwengileyo. Amaqanda anamathela  
kwizityalo, amatye nenkunkuma esemanzini.



Ilanga lifudumeza amaqanda esele aze  
aqale ukuqandusela.





Kusuku Iwesithathu amaqanda esele  
ayaqandusela.



Emva kweeyure ezingamashumi amabini  
anesine, amaqanda aba ngoonojubalala.





Unojubalala ukhula ehlala emanzini kuphela.  
Usebenzisa izikrotyana ezi semacaleni  
omzimba ukuze aphefumle.



Bayakhula oonojubalala baze kwiveki  
yesithathu babe ngamasele amancinci.  
Basebenzisa imisila ukudada.





Xa imiphunga yesele isakhula, lihlala  
emanzini kuphela.



Isele elincici liqhubeka nokukhula. Kwiveki yesibhozo kuqala ukuvela imilenzana emibini.





Kwiveki yeshumi elinesibini, umsila uya usiba mfutshane. Isele liba nemilenze emine.



Xa umsila wonoojubalala unyamalele  
bakulungele ukuhlala emanzini  
nasemhlabeni.

Isele ngoku lisebenzisa imiphunga  
ukuphefumla.





Isele liqhubeka nokukhula. Kwiveki yeshumi elinesithandathu iseleslikhule ngogqibeleyo.



Isele litya iimpukane nezinambuzane.  
Lizibambisela ngolwini lwayo olude. Ulwimi  
lwesele luncangathi.





Isele litya iimpukane nezinambuzane.  
Lizibambisela ngolwini lwayo olude. Ulwimi  
lwesele luncangathi.



Krok, krok, krok

Isele liyacula. Isele lihleli kwinyibiba entle.





Amasele ziincutshe zokuzifihla.



## Khangelia isele kulo mfanekiso!

